URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

Isalathiso: 20170731-3395
13/7/1/4
Imibuzo: S Adams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0007/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuzelelo neNgcebiso ngeze*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakuBaphathi bamaZiko alungiselela abaviwa iimviwo ze-*AET Level 4*

Isihloko: Ubhaliso lwabafundi loviwo lwangoNovemba 2017 ze-*AET Level 4* ngenjongo yokufumana i-*General Education and Training Certificate*

1. Uviwo lweMfundo noQeqesho lwaBadala (*AET*) lwe-*Level 4* lucwangciselwe ukuqala **ngoLwesine, we-26 Oktobha 2017 luphele ngoLwesihlanu, we-17 Novemba 2017.**

2. **Kuphela ngamaZiko eMfundo oLuntu abhaliswe kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and* Training) (*DHET*), kuqukwa namaziko eSebe leeNkonzo zoLuleko**, avumelekileyo ukubhalisa abaviwa babo kwiinkalo zezifundo abazikhethileyo, ukuba abo baviwa bayizalisile imisebenzi yabo eyimfuneko yoVavanyo oluqhubekela eSikolweni (*Site-based* Assessment) (*SBA*) kwiinkalo zezifundo ezichaphazelekayo.

3. **Abaphathi bamaziko mabaqinisekise ukuba ngabaviwa kuphela abayizalisileyo imisebenzi ye*SBA* efunekayo ababhaliselwa uviwo. Kucelwa uqaphele ukuba abaviwa abanamanqaku e*SBA* angaphelelanga abasayi kuzifumana iziphumo**.

4. **Zonke iifom <u>kufuneka</u> zikhatshwe yikopi eqinisekisiweyo yesazisi somviwa**.

5. Uviwo luyi-50% yamanqaku ewonke enkalo yesifundo, lo gama i-50% eshiyekileyo iya kuba ithathwe kwiiphothifoliyo ze*SBA* ezimodareyithiweyo.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2914 fax: 086 443 2883
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

6. Kucelwa abaphathi bamaziko bazalise ifom yobhaliso *(entry form*) efakwe apha ngomviwa ngamnye onqwenela ukubhalisela iimviwo.

7. Ukuba umviwa akabangakho ngesizathu sokugula okanye ngenxa yezinye iimeko ezingenakuthintelwa, ifom yobhaliso yomviwa onjalo, kufuneka isayinwe ngumphathi weziko, nekufuneka kwakhona abhale ecaleni kwesiginitsha yakhe ukuba umviwa lowo ebengekho.

8. Kucelwa uqaphele ukuba akusayi kuvunyelwa lutshintsho kwiinkalo zezifundo emva kokuba ubhaliso lwabaviwa lugqityiwe. Iifom zobhaliso ngoko ke mazizaliswe ngokuchanekileyo. Uluhlu olulandelaniswa ngokwee-alfabhethi lwabo bonke abaviwa ababhalisiweyo kwiziko malukhatshwe ziifom zobhaliso.

9. Zonke iifom ezizaliswe ngokupheleleyo, zaza zalandelelaniswa ngokwee-alfabhethi, zikunye **nesiHlomelo A** mazifike kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni kule dilesi ilandelayo engadlulanga **uLwesihlanu, we-25 Agasti 2017 (kucelwa uqaphele ukuba iifom zobhaliso ezifike emva kwexesha AZISAYI kwamkelwa phantsi kwazo naziphi izizathu okanye iimeko):**

   <u>For attention: Mr CW Roodt</u>
   Room 515, 5th Floor
   Directorate: Examinations Administration
   Western Cape Education Department
   Lower Parliament Street
   CAPE TOWN
   8001

10. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU -PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-08-08